UKUYILA UMGAQO-NKQUBO WOLWIMI WESIKOLO

Incwadana 3

Epreli 2024

Le ncwadana iyafumaneka ngesiVenda, isiPedi, isiZulu, iSesotho, Afrikaans, iSetswana, isiTsonga, isiSwati, isiNdebele, ngoLwimi lweZandla nangesiNgesi.

www.bua-lit.org.za xa ufuna iinkcukacha.

ZENEX FOUNDATION

bua-lit language and literacy collective

Yintoni umgaqo-nkqubo wolwimi eziko

Umgaqo-nkqubo wolwimi luxwebhu oluchaza ukuba ziziphi na iilwimi ezisetyenziswayo kwimisebenzi ngemisebenzi eyenziwayo ezikolweni, imisebenzi leyo efana nokufundisa, ukufunda, iimvavanyo, izinto ezenziwa ngaphandle kwamagumbi okufundisela nolawulo. Lunika isikhokelo malunga neendlela abaya kuthi banikwe ngazo imbeko yabo abo bathetha iilwimi ezahlukeneyo ezikolweni. Lukwacacisa iindlela esinokuthi siwusebenzise ngazo isikolo lo mgaqo-nkqubo ngokuthi sibe nesicwangciso somsebenzi. Umgaqo-nkqubo wolwimi unika amanyathelo anokulandelwa ngokuphathelele kwiindlela esinokusetyenziswa ngazo ezikolweni isimiselo semfundo ngeelwimi ezimbini esekelwe kulwimi lweenkobe. Ukwanika ingqwalaselo kwizincedisi-mfundo zolwimi ezikhoyo ezikolweni, nakwiindlela ezinokuthi zisetyenziswe ngazo ezo zincedisi-mfundo ekuphuhliseni izakhono zabafundi ekufundeni nasekubhaleni iilwimi ezingaphezu kolwimi olunye.



Ziintoni eziqulathwe ngumgaqo-nkqubo wolwimi ezikolweni?

Umgaqo nkubo wolwimi kufuneka uchaze iindlela ezifanele kuxatyiswa ngazo iilwimi ezithethwayo ezikolweni; unike isikhokelo malunga neenkqqbo zakumagumbi okufundisela ekusetyenziswa iilwimi ezininzi kuwo; uchaze ulwimi/iilwimi ekufundwa ngalo/ngazo nolo/nezo kufundiswa ngalo/ngazo; uchaze ukuba ziziphi na iilwimi eziya kubandakanywa kwizifundo ezifundiswayo, nokuba ziya kubandakanywa ukuqalela kweliphi na inqanaba/kwawaphi na amanqanaba; uchaze ukuba ziziphi na iilwimi eziya kusetyenziswa kuqhagamshelwano lwangaphakathi kwamasango esikolo, iziziphi na eziya kusetyenziswa kuqhagamshelwano nabangaphandle; wenze isindululo malunga nenkqubo enokulandelwa sisikolo ngokuphathelele kulwimi, umzekelo, ukufundiswa kwesifundo ngasinye ngeelwimi ezimbini, okanye ukufundiswa kwezifundo ezithile ngolwimi olunye, ngelixa ezinye zifundiswa ngolunye olwahlukileyo; wenze uluhlu lwezincedisi-mfundo ezikhoyo ezikolweni, izinto ezifana namathala eencwadi, amaziko ezincedisi mfundo kunye nabantu bokusebenza, uze ke wenze; izindululo malunga neendlela ezinokuthi zisetyenziswe ngazo ngempumelelo ezo zincedisi-mfundo.

Kutheni kubalulekile nje ukuba nomgaqo-nkqubo wolwimi ezikolweni?

Zonke izikolo ziyagunyaziswa ukuba ziqulunqe umgaqo-nkqubo wolwimi. Indlela yokwenza umgaqo nkqubo ikhuthaza ukuba zisoloko zinikwa ingqwalaselo iindlela ezinempumelelo ekunokuthi kufundwe ngazo, ekunokuthi kufundiswe ngazo nekunokuthi kuvavanywe ngazo. Udala isiseko sobudlelane obuqinileyo phakathi kwabafundi naphakathi kwabafundi nootitshala. Umgaqo-nkqubo wolwimi uphucula izakhono zesikolo ekunyuseni amazinga enkqubela emsebenzini ngokubanzi, kambe ke xa iilwimi zeenkobe zabafundi zibandakanyiwe kuluhlu lwezifundo ezifundiswayo (kwikharityhulam). Usengazisa iinguqu ezakhayo kwinkalo yemfundo nakweyentlalo esikolweni (kuba kaloku imeko yimeko ezibandakanyayo nezamkelayo iinkcubeko ezahlukeneyo).

Uqulunqwa njani umgaqo-nkqubo wolwimi ezikolweni?

Ukuqulunqa umgaqo-nkqubo wesikolo kuquka uthethathethwano nootitshala, abazali nabafundi malunga neelwimi ezifanele ukusetyenziswa ekufundiseni, ekufundeni, kwiimvavanyo, kwizinto ezenziwa ngaphandle kwamagumbi okufundisela nakulawulo. Olu thethathethwano lujoliswe ekubetheleleni ubunye kwiinjongo zabazali nezootitshala. ukuqwalaselwa kweendlela ezijongwa ngazo iilwimi ngeelwimi ezahlukeneyo; ukuphanda ngeenkcukacha malunga nokusetyenziswa kweelwimi ekuhlaleni; uthethathethwano olujoliswe ekwaziseni ootitshala, abazali nabafundi ngexabiso lokusebenzisa nelokufunda iilwimi ezimbini okanye nangaphezulu. Ukuqulunqa umgaqo-nkqubo wolwimi uquka ukuthatha izigqibo malunga neendlela abanokukufunda ngazo ukusebenzisa iilwimi ezininzi abantwana; nokuqulunqa umbono malunga nokuba iindlela ezisetyenziswa ngazo iilwimi zingaba nagalelo lini na kwimfundo enempumelelo. Umgaqo-nkqubo udinga ukuqulunqa, ukwamkela, ukusebenzisa, ukubeka iliso nokusoloko kusenziwa uhlaziyo.

Ngoobani abathabatha inxaxheba kuqulunqo lomgaqo-nkqubo wolwimi ezikolweni?

Ngokomthetho iZigqeba zoLawulo lweZikolo (SGBs) kufuneka ziqulunqe umgaqo-nkqubo okhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi. Abazali bathabatha inxaxheba ekuthathweni kwezigqibo. Ootitshala nabanye abantu abenza imisebenzi eqeqeshelweyo bazisa abahlali ngexabiso lemfundo esekelwe kulwimi lweenkobe, iMTBBE. Ootitshala bazezona ntsika ziphambili zokusetyenziswa komgaqo nkqubo nokufezekiswa kwekharityhulam. Iziphathamandla zezikolo kunye neZigqeba zoLawulo lweZikolo kufuneka zibe nabaququzeleli nabanxibelelanisi beendibano zamaqela achaphazelekayo ekuxoxwa kuzo ngeenkqubo ngeenkqubo nangemisebenzi ngemisebenzi.

Ngumahluko mni onokuthi wenziwe ngumgaqo-nkqubo wolwimi ezikolweni kwabo babandakanyekayo ngenxaxheba esikolweni?

Umgaqo-nkqubo wolwimi ungakhokelela kwimeko apho abazali, ootitshala nabafundi baba nombono ofanayo malunga nendima yolwimi kwimfundo nombono wokusebenzisa izixhobo ezininzi ezahlukeneyo zolwimi. Usengaphucula amazinga ezakhono zabafundi ekufundeni nasekubhaleni ukhokelele nasekunyukeni kwamazinga okuzithemba kwabafundi. Umgaqo-nkqubo wolwimi kufanele ukhokelele ekunyukeni kwamazinga okuhloniphana kwabo bathetha iilwimi zeenkobe ezahlukeneyo emakhayeni nasekunyukeni kwamazinga othakazelelo lokuthabatha inxaxheba kuwo onke amaqela abo bachaphazelekayo.

Sibulela abakwaPRAESA ngokusinika imvume yokusebenzisa umxholo ababewuvelise ngo2008 kuluhlu lweencwadana zabo. Sibulela iZenex foundation ngokwenza ukuba ezi ncwadana zibe nokwenziwa.

Iqulunqwe nguSoraya Abdulatief, Xolisa Guzula, Ntombizanele Mahobe, Carolyn McKinney, Nadeema Musthan, Margie Probyn, Brian Ramadiro, Robyn Tyler, Zola Wababa.

Iqweqwe liyilwe nguPhumle April.
Iyilwe ngabasebenzi bakwaFort Hartley Brand Consultants.

ZENEX FOUNDATION

bua-lit language and literacy collective